




Kudaladala izilwanyana zaphelwa ngamanzi.

Zazulazula zikhangela iindawo ezingafumana kuzo amanzi okusela.

Zakhangela zancama.



Zabiza intlanganiso ukuze zifumane isisombululo kwingxaki yazo. Zeza zonke izilwanyana, ngaphandle kukaDyakalashe.

“Andisokuze ndiye kuloo ntlanganiso inamafudo anukayo,” utshilo uDyakalashe.

Yazenza umsindo izilwanyana into eyathethwa nguDyakalashe.



Kwintlanganiso kwagqitywa ekubeni kombiwe umthombo.

Inkokheli yezilwanyana yathi, "Umthombo wethu uzakuba nzulu, kwaye ube banzi. Xa ugcwele, asisokuze siphelelwe ngamanzi kwakhona."






Zaxhentsa, zicula, zitshintshiselana ngokomba umthombo.

Ekugqibeleni kwatsitsa amanzi ephuma apho emhlabeni,  
aza awuzalisa umthombo.


Zonwaba kakhulu izilwanyana kuba amanzi ayephuma  
apho ayenencasa engazange ifaniswe nanto.





Ngolunye usuku izilwanyana zafumanisa ukuba kukhona ofika emanzini azo, awagxobhe.


Zagqiba ekubeni ziza kutshintshiselana ngokugada umthombo.



Ngomhla wokuqala kwabekwa uMvundla ukuba agade. Kwathi kusenjalo, kwafika uDyakalashe ehamba edlala ugqaphu.

“Wenza ntoni na?” wabuza uDyakalashe.

“Ndigade umthombo wezilwanyana,” waphendula ngokuzithemba uMvundla.




UDyakalashe wacela uMvundla ukuba badlale kunye.

Batshintshiselana ngokubophana ngentambo.

Kulo mdlalo, obotshiweyo kwakufanele avale amehlo, kuthi emva koko, abale afike kwiwaka ngaphambi kokuwavula amehlo.

Waye wavuma uMvundla.






Waqala uMvundla wabopha uDyakalashe ngentambo,  
wabala wafika kwiwaka emva koko wamkhulula.

Lafika nelakhe ityeli lokuba uMvundla abotshwe  
nguDyakalashe. Wamshiya apho ebala waya kusela amanzi  
emthonjeni.


Uthe akugqiba, wangena waqubha.

Wakha amanye amanzi wagoduka nawo.



UMvundla wabala wafika kwiwaka waza wavula amehlo,  
wabe uDyakalashe engabonakali ndawo.

Wakhwaza ekhala kwada kweza ezinye izilwanyana  
zamkhulula.




Izilwanyana zaqhubeka zitshintshana ngokugada umthombo, kodwa azizange zimbambe uDyakalashe. UFudo wathi, “Ndiza kuwugada umthombo.”

“UFudo alusiso isilwanyana esikhaliphileyo okanye esidlamkileyo,” zacinga njalo ezinye izilwanyana.

Kodwa ekugqibeleni zavuma. Waya uFudo wafika wangena ngaphantsi kwamanzi.






Uthe xa efika uDyakalashe akabona nto wathi, “Yho! Namhlanje abazisanga mntu!”

Wathi xa eqala ukusela, weva into ixhakamfula impumlo yakhe nemtsalela ngaphantsi kwamanzi.

Wazama ukuphuncula uDyakalashe, kodwa wamqinisa uFudo. “Yizani ndimbambile! Yizani ndimbambile!” watsho ekhwaza uFudo.



Izilwanyana zafika zamkhupha uDyakalashe emanzini, zambophelela.

UFudo wathi kuDyakalashe, "Wone zonke izilwanyana, ngoko sikunika isigwebo sokuba uhlambe iinyawo zazo zonke izilwanyana." Izilwanyana zamphakamisela phezulu uFudo zivuya, zisithi uliqhawwe lazo.

Emva koko, zasela amanzi azo izilwanyana zonwabile, kungekho nto iziphazamisayo. Namanzi azo ahlala ecocekile.